



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION



NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

SEPTEMBA 2023

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA P3

AMANQAKU: 100

IXESHA: 3 iiyure

Olu viwo lunamaphepha ama-5.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha linama CANDELO amaBINI:

ICANDELO A: Izincoko (50)
ICANDELO B: Imihlathi (2 x 25) (50)

QAPHELA: Abaviwa kulindlekele ukuba baphendule imibuzo emiBINI kwiCandelo B.

2. Phendula umbuzo ube MNYE kwiCANDELO A, kunye nemibuzo emiBINI kwiCANDELO B.

3. Bhala ngesiXhosa esamkelekileyo nesichanekileyo.

4. Qala ICANDELO ngalinye kwiphepha ELITSHA.

5. Kunyanzelekile ukuba uyile (usebenzisa isazobe/itshati ebonisa ukuthungelana kweziganeko/amagama angundoqo, njalo njalo.), uhlele uze uwufundisise umsebenzi wakho. Qala ngoyilo PHAMBI kokuba ubhale izincoko nemihlathi.

6. Lonke uyilo maluphawulwe ngokucacileyo. Kuyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumlayo kuyilo lonke.

7. Uyacetyiswa ukuba ulabe ixesha ngolu hlobo:

ICANDELO A: Malunga nemizuzu engama-100
ICANDELO B: Malunga nemizuzu engama-80 (2 x 40)

8. Nombola iimpendulo ngokuchanekileyo ngendlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.


9. Masingathathelwa ngqalelo isihloko xa kubalwa inani lamagama.

10. Bhala ngokucacileyo nangokucocekileyo.

ICANDELO A: IZINCOKO**UMBUZO 1**

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo ubhale ngaso. Bhala amagama angama-340–390.

- | | | |
|-----|--|------|
| 1.1 | Kwakuqubisene ezazizondana kolo khuphiswano. | [50] |
| 1.2 | lntlanga ezohlukeneyo zoMzantsi Afrika. | [50] |
| 1.3 | Ndisazisola nanamhlanje ngaloo mpazamo. | [50] |
| 1.4 | Umtya nethunga. | [50] |
| 1.5 | Ukufunda ngamaqela kunganceda. | [50] |
| 1.6 | Ifuthe labahlabo kuxinzelelo lwengqondo. | [50] |
| 1.7 | Qwalasela le mifanekiso ingezantsi wandule ukubhala isincoko esinesihloko esifanelekileyo. | |



[Ucatshulwe kwi-intanethi: www.images.com waza wahlelwa.] [50]

1.8



[Ucatshulwe kwi-intanethi www.images.com waza wahlelwa.]

[50]

AMANQAKU ECANDELO A: 50

ICANDELO B: IMIHLATHI**UMBUZO 2**

Khetha imihlathi ibe MIBINI kule ilandelayo uze ubhale ngayo. Bhala amagama ali-100-120 (umxholo kuphela).

2.1 I-MEYILE

Bhalela umzala wakho umbulele ngamacebo akunike wona ukulungiselela iimviwo zakho.

[25]

2.2 ILETA ESESIKWENI

Bhalela inqununu yesikolo sakho ukhalazele uthango oluwileyo kwisikolo sakho.

[25]

2.3 INGXOXO

Bhala ingxoxo ephakathi kwakho noLuthando, umba mawube ngowokuba wonke umfundi makathabathe inxaxheba kwezemidlalo.

[25]

2.4 I-OBHITSHUWARI

Bhala i-obhitshuwari ngogqirha obengumakhwekhwetha ekunyangeni iKhorona.

[25]

2.5 INTETHO

Bhala intetho oza kuyenza kulutsha ekuhlaleni ngomba wokuba ilungelo lihamba noxanduva.

[25]

2.6 I-AJENDA NEMIZUZU YENTLANGANISO

UnguNobhala wombutho ekuhlaleni, bhala i-ajenda nemizuzu yentlanganiso emalunga nokwakhiwa kwebhulorho eza kwenza kubelula ukuhamba ngexa lezantyalantyala zemvula.

[25]

AMANQAKU ECANDELO B: 50
AMANQAKU EWONKE: 100